Ndiyibhayisekile.
Ndinamavili amabini.

Ucinga ndingenza ntoni?
Ungandikhwela ngokonwaba.

Wena ungenza ntoni?





Ndisisithuthuthu.
Ndinamavili amakhulu amabini.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathatha omnye okanye ababini kuni ndibase kwiindawo ezikude ngokukhawuleza.

Ungenza ntoni wena?

Ndiyimoto.
Ndinamavili amane.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingalayisha umntu omnye ukuya kwabasixhenxe. Ndingakusa kwiindawo ezinika umdla.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyiteksi.
Ndisisithuthi sikawonke-wonke.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abalishumi elinesithandathu. Ndingabasa emsebenzini nabafundi ndibase esikolweni.

Ungenza ntoni wena?


Ndiyibhasi.
Ndikwasisithuthi sikawonke-wonke.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu kwiindawo ezininzi. Ndingasa abasebenzi emisebenzini, abantu ndibase edolophini. Ndingathutha abafundi ndibase esikolweni.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyi-ambulensi.

Ndisisithuthi sikaxakeka.  Ndinceda abantu ngamaxesha obunzima.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndikhwelisa abantu abagulayo okanye abonzakeleyo ndibase esibhedlele. Ndihamba ngesantya esiphezulu.    Ngaphakathi ndinekiti yezixhobo zongxamiseko ezincedisana nabagulayo okanye abonzakeleyo endleleni eya esibhedlele.

Ungenza ntoni wena?

Ndisisicima-mlilo.
Ndikwasisithuthi sikaxakeka. Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingalayisha izixhobo zokucima umlilo. Ndingacima imililo emikhulu ngokukhawuleza. Xa isibane sam sidanyaza, abaqhubi bema bucala ukuze ndidlule

Wena ungenza ntoni?





Ndiyiteletele.
Ndingumhlobo wokwenyani wabalimi.
Ndinamavili amakhulu amane.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndiyakwazi ukulima nokuvuna intsimi.

Ungenza ntoni wena?

Ndiyilori yefenitshala.
Ndinamavili amakhulu amaninzi.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathutha imithwalo emikhulu.
Ndingayithwala ndiyise kwiindawo ezahlukeneyo.

Wena ungenza ntoni?





Ndiyilori yenkunkuma.
Ndinamavili amakhulu amaninzi.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathutha inkunkuma ndiyokuyilahla.

Ungenza ntoni wena?

Ndingulolliwe.
Ndihamba kumzila kaloliwe.  Ndinamavili entsimbi amaninzi.  Ndihamba ngesantya esiphezulu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abaninzi. Ndingabasa kwiindawo ezahlukeneyo.

Wena ungenza ntoni?





Ndinguloliwe ohamba ngesantya esiphezulu.  Ndihamba ngesantya esiphezulu kakhulu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndithwala abantu ndibase kwiindawo ezahlukeneyo ngexesha elifutshane kakhulu.

Ucinga ukuba ndingenza ntoni?

Ndinguloliwe wempahla. Ndingoyena loliwe ucothayo.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala imithwalo enzima emininzi. Ndingayithwala ndiyise kwiindawo ezikude.

Ungenza ntoni wena?





Ndiyinqanawa.
Ndihamba elwandle.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingakhwelisa abantu abaninzi ndibase kwiindawo ezikude. Ndingathwala iimpahla ndziwelise ulwandlekazi.

Wena ungenza ntoni?

Ndiyinqanawa yemithwalo.


Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala iimpahla nezinto eziphathekayo ezisuka kwelinye izibuko zisiya kwelinye.

Ndingadlala indima enkulu kurhwebo lamazwe ngamazwe.

Ungenza ntoni wena?





Ndisisikhephe sokuloba.
Ndineminatha namagwegwe.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndinganceda abalobi babambise iintlanzi ngokulula. Ndingagcina iintlanzi ngaphakathi.


Wena ungenza ntoni?

Ndiliphenyane.
Ndihamba emanzini.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingathwala abakhweli nempahla.
Ndingathwala iimoto, iilori nezilwanyana.

Ungenza ntoni wena?





Ndiyinqwelo-moya.
Ndibhabha kwisibhakabhaka, ngentla kwamafu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndingabhabha nabantu ndibase kwiindawo ezahlukeneyo.  Ndingathwala iimpahla ndizise kwiindawo ezikude.

Wena ungenza ntoni?

Ndiyinqwelo-moya.
Ndibhabha kwisibhakabhaka, ezantsi kwamafu.

Ucinga ndingenza ntoni?

Ndinganceda abantu ngexesha likaxakeka.
Ndingahlala kwindawo encinci yokumisa.

Ungenza ntoni wena?



Ulwazi Lwethu

Readers

## Inqanaba 1

1. Izandi ezizizikhamiso
2. Izandi ezingamaqabane (b-j)
3. Izandi ezingamaqabane (k-r)
4. Izandi ezingamaqabane (s-z)
5. Vula, vala, vakala
6. Ukubala amagubu
7. Imbalela
8. Uziva njani uZazi?
9. UNunu noBobi
10. Idonki
11. Ipesika enkulu
12. UVuxa uthanda ucoceko
13. Isuphu emnandi
14. Amawele aluncedo
15. Qaphela Cokisa
16. USazi ufuna ukupeyinta
17. Ibululu esibayeni
18. UVela noVutivi
19. Iyakwazi ukubhabha

## Inqanaba 2

1. Umlilo
2. UKhabo nesigcawu
3. Ubuya nini uTata?
4. Mini emnandi Zazi
5. Amantombazana alusayo
6. Masonge amanzi
7. Iinwele ezinkulu
8. Basefama
9. Isifo seehagu
10. Usapho lwam
11. UKhosi uxakekile
12. Lina libalele
13. Ukonga uTatomkhulu
14. Ubomi bam basefama
15. Konke ngeetapile
16. Imvumi yodumo uMirriam Makeba
17. UNtombi ubhaqa isela
18. IShibhelani kaKulani

## Inqanaba 3

1. Soweto
2. Isipho esothusayo
3. Andiyithandi imifuno
4. UKhazi nombala obomvu
5. Izipho
6. Umjikelo wobomi besele
7. Uthando lwamawele
8. Umnyama kaNyansio
9. UPhumu owonwabileyo
10. Umnqweno kaLunje ufezekile
11. UMoli neekhrikethi
12. Uleqa phi Wenzile?
13. Amaqanda kaZodwa adukileyo
14. Isidudu esimnandi
15. Iinyosi
16. Ingwenya enentiyo
17. Amaxesha onyaka
18. Zinkulu kum
19. Isonka sikaNomsa
20. UMbali noBuhle

## Inqanaba 4

1. Impindezelo yenkunzi
2. Icebo elihle likaNtiyiso
3. Ibhola elahlekileyo
4. Batyelela umzi wogcino zilwanyana
5. Idyasi eguquliweyo
6. Ubuchule bukaNcinci
7. Badlala kuyo nayiphi imozulu
8. Imisebenzi yasekhaya
9. Ilokhwe entle
10. Umlimi uNtsika neenkawu
11. Amanzi ndawo yonke
12. Ubugqi bembewu
13. UPhila wonzakele
14. Isityalo esiphilisayo
15. Iindlela zabantu baseVenda
16. UQhawe uyalazi ixesha
17. Ugqirha uSooliman olungileyo
18. Amakhwenkwe akrelekrele
19. Iindlela zothutho
20. UGcina uzigcina esempilweni

## Inqanaba 5

1. Isiqalo esitsha
2. Inguqu kaNondwe
3. Intombazana ekrelekrele
4. Umsesane weXhalanga
5. Umdlali obalaseleyo
6. UThobile nezihlangu ezintsha
7. Imilambo yaseMzantsi Afrika
8. Imithi yaseMzantsi Afrika
9. Uphelelwe ngamanzi emzimbeni
10. Singcamla incasa yaseVenda
11. Utata wethu, umgcini wezilwanyana
12. Umkhuhlane
13. UNomadlakadlaka oligorha
14. Ingxaki egadini kaMakhulu
15. UStovi noStali
16. Iphupha likaSiviwe
17. Isihlangu esihle
18. UThwasa uphuthelwe
19. Ukulima
20. Ubuhlobo bokwenene
21. Umlobi

